

Inombolo yefayili: 4/2/P
Isalathiso: 20230315-2554

INGcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweMicimbi yezeMali: 0003/2023

Iya: KwiNtsumpa-Jikelele, kumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zawo onke amacandelwana namacandelo nakubo bonke abasebenzi beCandelo lezeMali

Isihloko: Ukudluliswa kwamagunya ngokwecandelo 44 loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999 (uMthetho 1 ka-1999) (Public Finance Management Act, 1999 (Act 1 of 1999))

1. Le ngcaciso imfutshane ihlaziya yaye ithathe indawo yeNgcaciso eMfutshane yoLawulo lweMicimbi yezeMali 0004/2021 yomhla we-29 Apreli 2021.
2. Ngokwesiqendu 44(1) soMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999 (uMthetho 1 ka-1999) (*Public Finance Management Act*) (*PFMA*), 1999 (*Act 1 of 1999*), igosa elimele ukuphendula ngosetyenziso lwemali (*accounting officer*) lesebe, linokuthi ngencwadi ebhaliweyo lidlulisele nawaphi na amagunya elithweswe wona okanye adluliselwe kwigosa elimele ukuphendula ngosetyenziso lwemali ngokomthetho we-PFMA (kubandakanywa neMimiselo ye-Ofisi kaNondyebo kaZwelonke (*National Treasury Regulations*) neMimiselo kaNondyebo wePhondo (*Provincial Treasury Regulations*) kwigosa elikwelo sebe okanye liyalele naliphi na igosa kwelo sebe lenze nayiphi na imisebenzi eyabelwe igosa elimele ukuphendula ngosetyenziso lwemali ngokwe-PFMA (kubandakanywa neMimiselo ye-Ofisi kaNondyebo kaZwelonke neMimiselo ye-Ofisi kaNondyebo wePhondo).
3. Ngenxa yoku kulapha ngentla, la maxwebhu alandelayo , aqhotyoshelweyo: *Delegations of Powers, 2023 nolwe-Assignment of Responsibilities, 2023*, aqala ukusebenza ukususela ngoku.

4. Ayacelwa onke amagosa ukuba ayilandele mbo le ngcaciso imfutshane nokusetyenziswa kwamagunya adluliselweyo. Nakuphi na ukungathotyelwa okanye ukophulwa kwale miqathango yokudluliselwa kwamagunya, kuya kujongwana nako ngokomgaqo-nkqubo nemigaqo yoluleko esebenzayo.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WECANDELO LOLAWULO LWEZEMALI

UMHLA: 2023-03-31